BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 africa@bu.edu
www.bu.edu/Africa/alp 617.353.3673

# Imisebenzi

**Umsebenzi 1**.

1.Yenzani umdlalo ophuhlisa intsingiselo yeqhalo: 'umfundisi ulindwa ngeculo.' Nivumelekile ukunonga umdlalo wenu ngokongeza kwiintetho zabalinganiswa oko nifuna ukukuthetha. Watshintsheni namagama abalinganiswa nize nawenu esiXhosa. Kungakuhle oko.

**Umsebenzi 2**.

(a) Ukuba ibinguwe ubuza kuthini xa umyeni wakho evela ngokukuxelela ukuba uyahamba, uya emsebenzini, kwaye sele esitsho nomntu aza kukushiya kuye.

(b) Sebenzani ngababini niyile eyenu ingxoxo, umfazi ethetha nomyeni wakhe ngalo mba wokuya kusebenza kude nekhaya abe sele enixelela nomntu aza kunishiya naye ningakhange nixoxe kunye.

(c) Wenzeni ngesiXhosa loo mdlalwana. Xa nigqibile wubhaleni ezincwadini zenu.

**Umsebenzi 3**.

1. Kumaqela enu , xoxani ngale ndlela uTshezi amphatha ngayo umfazi wakhe phantsi kwezi ngongoma:

   (a) ukucinezelwa kwabantu ababhinqileyo (women). Umzekelo: akufunwa ezakhe izimvo malunga nokuba eza kushiywa ngumyeni wakhe.

   (b) ukungahlonitshwa kwabantu ababhinqileyo (Xoxani ngendlela uTshawe anyanzelisa ngayo umfazi kaTshezi ukuba ufuna ukulala naye.)

   (c) ukushiywa komfazi yindoda ihambe yodwa ukuya kusebenza kude nekhaya, ixesha elide.

   (d) Ukuphendula kukaTshawe ngokungakhathali (nonchalantly) xa ebuzwa nguTshezi ngokumitha komfazi wakhe.

**Umebenzi 4**.

1. Ithini imfundiso yalo mdlalo ukule vidiyo?

2. Xoxani ngokuthobela umyalelo wamadoda ngabafazi bawo. Uvakalelwa njani xa ubona umfazi kaTshezi emithi, egxothwa. Xoxani kumaqela enu.

3. Hlalutyani intetho kaTshezi ngokuphathelele ekunyhasheni amalungelo abafazi. Le ntetho izoba mfanekiso mni ngaye?

4. Hlalutyani intetho kaTshezi egxotha umfazi wakhe.

**Umsebenzi 5**.

1. Thelekisani isifundo enisifundileyo kule vidiyo ,ngokubhekiselele kwindlela abaphathwa ngayo abafazi nabantwana kwinkcubeko kaXhosa kunye nendlela aphathwa ngayo umfazi nabantwana kweyenu inkcubeko.
2. Yenzani ingxoxo – mpikiswano (debate) eklasini . Isihloko: Ukunyhashwa kwamalungelo abafazi akulunganga. Elinye iqela maliphikise isihloko.

**Umsebenzi 6**.

1. Masithi ungumfazi oyinkokheli ekuhlaleni. Kwindawo ohlala kuyo kuxhaphakile ukuxhatshazwa koomama ngootata. Biza intlanganiso yoomama ubaxhobise ngamalungelo abo. Baxhobise nangokucaphula kumgaqo Siseko omtsha (Constitution) waseMzantsi Afrika.
2. Kwenye intlanganiso mema ootata, kwabelwane ngezimvo ngendlela enesidima nothando yokuphatha abafazi kungakhange kwalahlwa nkcubeko yakwaXhosa.

**Umsebenzi 7**.

*Write a summary of the story in isiXhosa.*

*Bhala isifinyezo sendaba ngesiXhosa.*

UMSEBENZI 8

Yenzani ingxoxo mpikiswano( debate ) eklasini yenu. Elinye iqela malilwele ukunyhashwa kwamalungelo abafazi , ukungaphatheki kwabo kakuhle njalo njalo. Elinye malime kwinto ethi: ‘akukho nkunzi zimbini zinokukhonya buhlantini bunye.’ .Amadoda ohlala eziintloko zamakhaya. Oomama sokuze balingane nootata.

QAPHELA: Makubekho umhlali ngaphambili oza kulawula le ngxoxo – mpikiswano.

UMSEBENZI 9

1. Ingaba umfazi kaTshezi uyawalwela ngokucacileyo amalungelo akhe. Caphula apha kwibali levidiyo.

2. Ukuba ubungumbhali weli bali, besakuthini esakho isiphelo? Xhasa izimvo zakho ngokuthetha ,uze ubhale phantsi.

UMSEBENZI. 10

Bhala ngokufanelekileyo amagama akwizibiyeli, wandule ukuguqulela izivakalisi esiNgesini.:

1. UTshezi uvela ( umsebenzi ).
2. Unkosikazi kaTshezi noTshawe bahleli ( isitulo ).
3. Intombi kaTshezi ithanda ukulala (ibhedi )
4. UTshezi uya ( idolophu )